57 1b K11/31 1/12

1 The Ama-Hlubi History in Xhosa.

Emvelweni siyimihuhu thina ma-Hlubi ke ku Mhuhu Kuzalwa uNdlovu ozala uDlamini waNqangi yena azale uMthimkhulu wa nqangi owazala onyana ababini, omkhulu inguNcobo omncinci ngu Thadebe.

uNcobo wala ukuzeka wathi abafazi bayanuka; kwaza kwathiwa ku Rhadebe makazeke aza ele umkhuluwe wakhe abantwana. Kwayakuthathwa uNomunge intombi kaHlubi ibhele lakwa-Dlambulo. ithe ke yona yazala inkulu engu Dlomo yena wazala uMashiya noMashiya wazala uMtsele nyise, ka Bhungane eyona nkosi yabankulu yaduma yoluhlanga lungama-Hlubi.

2 uDlomo wazeka umfazi wase Kunene wazala uMaqube a eKuthiwa wathi esemzini wakhe kwafika umhambi owayehamba nenja yaza inkosi yayalela ukuthi aze agcinwe umhambi lowo; kodwa iphakathi layo aliligcinaega ilizwi leNkosi yalo laza iphakathi elikhohlakeleyo lambulala umhambi lowo. Emveni Kwexeshana elingelide kwafika inkanyamba (cyclone) yemka neNkosi leyo uMaqubela ongazange abonwe nalapho ayakufela khona. Lento yababuhlungu apho komkhulu nasesizweni ngokubanzi kuba kuthiwa wayelungile ebathanda binke abantu.

3 Bathi abantu kubulewe umhambi ongaziwayo abala limhlophe onwele zibubulembu. Lilo elilishwa lihlileyo Komkhulu kwa-Nomphakathi akazange aphile wabulawa ngabantu kuba ilishwa lize ngaye. Lomhambi ke wayengomnye wabefundisi bokuqala ongavakali igama lakhe.

Unyana weNkosi leyo ngu Msuthu zala uMulu uyise kaMevana ose Tsojana eTsomo J.P. ngoku; abanye balendlu ba kwaTshefu eNgqushwa Peddie nakwa Notha eSh de Mt. Ayliff. Kuvakala into yoba uNcobo akazange ahlale kakuhle komkhulu ngenxa yokwala kwakhe ukuzeka kuba kwathiwa ubulala ubukhosi angethi eyinkulu ale ukuzala waza wemka ke ekwakala into yoba wazala apho kodwa

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

4 asifumaneki esona sizwe wasizalayo.

Unyana kaDlomo omkhulu uMashiya akwakali bubi ngaye nasigigaba sikhulu akazange alawule xesha lide kwaphatha unyana wakhe uNtsele umninawe kaNtsele ingu Manyaza ekuthiwa wayefunde amayeza kaKhulu omnye engu zikode abaka Mashiya. Ngelixesha babesebebu nyamakazi abantu bephile phantsi komkhonto kuba babethanda ukuyaku thatha inkomo zabanye abakhelwane baze balwe ke besala neenkomo ezo zabo kufe abantu njalo.

Ukuvela kwegama lobu Hlubi.

5 uRhadebe wazwka abafazi abaninzi wazala, abaninzi oonyana neentombi ekuvele esisizwe singa maHlubi esikhona mamhlanje. Kumdluzakhe uRhadebe wazala uMashwabada uNonyanda. unyana omkhulu kaMashwabada ngu Ngobizembe noNomjoli Mafu Zulu Vapi no Mhlanga kwa noMvelase etc. Njengoko uRhadebe wayetshaya intsangu wayesebenzisa amanzi amatsha, avela emlanjeni angakhiwanga ngabafazi. Wayethi ke athume onyana bakhe abazalwa ngu Nomunge intombi ka Hlubi aze athi akuba memeza ehleli ebandla ngasebuhlanti bangabikho bakhonjwe ezantsi emfuleni bezingela inyamakazi angxole ke esithi: "Abeva abantwana bakwa Mahlubi kudala kubo

6 babo ndikhelela amanzi okutshaya "Kuba bengawakhanga amanzi akhe. Baza ke abanye abantwana bakhe abango Mashwabada Kwabo bango Dlomo bathi bangama Hlubi. Ekwathi ke laphela igama esasisaziwa ngalo lemi Huhu Kwaduma eli lobu Hlubi kunanamhlanje uNdlovu kuyabonakala ngunozala wezizwe eziminzi zase Mpumalanga kuba izizwe ziyadibana kuye.

Imithetho namasiko ngexesha lika Rhadebe.

Inkosi ibinguzimele ilizwi layo lingaphikiswa. Isigwebo seloxesha sasikholise ngokubasinye "uKufa" Kuthathwe inkomo

7 nabantwana baye komkhulu. Nazi iizinto ezazigwetyelwa ukufa:

uKuthakatha ukukrexeza nokudlwengula kwa nokumithisa intombi ngamandlaukuyona bekuthathwa inkabi enkulu yenkomo ngabafazi eyonanto ibingafunwa ngabantu beloxesha kuku krexeza

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

ngangokuba kwakukho isiko elalisenziwa lokufumana inyaniso yomfazi okrexezayo nokokuba akabonwanga ngamehlo. Ekwakuthiwa ukubizwa kwalo: "Kuyabhucwa" yonke inzala yakwa Rhadebe yalibamba elisiko kumaramhlanje lisasetyenziswa ngama Hlubi enene. Ukubhuca kukuthi xa umfazi ebelekile kuthathwe impahla yomtana (after birth) ngabafazi abakhulu bomzibahambe nayo bayise
8 emlanjeni okufupi baze bafike bayibeke elunxwe meni lomlambo lowo bajonge okuza kwenzeka. Bekuthi ke kuphume oononkala ngorukhawuleza bathathe impahlaleyo xa ngaba usana olo luzalwa ekhaya kanti xa belungolokrexezo bezingaphumi konkena. Bebehlalake abafazi umzuzu omde xa zingaveli befuna urunyaniseka batsho kwa oko ukuthi: "Umduzana ubeleke ingada" (umgqakhwe).

Longada ke ibibulwa kwa ngalomini nonina lowo, Kungekho nceba kuba kwakuthiwa, ingada iyakugqiba umzi ngokuwobulaba nge obuthi. Nanamhlanje ama Hlubi akahlali nomgqakhwe uyagxothwa
9 ngokuthukwa yonke imihla nangabantwana abancinane bewuxelela ukuba awuzalwa apha ekhaya wona. Uyaqawulwa umtshato ngenxa yoku-beleka komfazi indoda ingekho ngama Hlubi ingenxa yokuthiya umgqakhwe.

## Ugcino hwamantombazana.

Ugcino lomthinjana yayiyenye yezinto ezaziphambili isisikolo esiphakamileyo isisona sasisakha uhlanga olumnyama. Lomcimbi wawuxomekeke kubafazi abakhulu bomzi. Umthinjana wawunendlu yawo wodwa yokulala kunye nabanakwabo abancinane
10 ekwakuthiwa igama layo "Elawini" ngoru (Entangeni) Abafana babetshela benge nziwa nto kuba babe nomthetho obalawulayo kuyo yonke into ababeyenza.

Intombazana mhla yafumana ubudala ibengeniswa esikolweni sogcinongesisikolo kuthethwa ukuhlolwa kwamantombazana zonke iveki ukuba akoniwangana ngabatsha bawo. Injongo zoluhlolo zazikukufundi-sa

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

umlisa nomthinjana ukuziphatha kakuhle, inttonipho kwa nokoyika abazali babo. Ebeyixabisile into yokungonakali kobu ntombi bawo. Yaza lento yawafundisa ukumetsha kakuhle nabafana.

Wawuhlazeka wonke umzi kwakoniwa intombi eyibhauki
11 yomzi lowo. Ibiduma lonto kuba abafazi bebeye ba lale exaleni komzi wakulosoka elo lonileyo benzela ukuvulela iinkomo kwakusasa bakhethe eyona inkulu inkabi yenkomo ebizwa ngokuthi "Isidwangu" Lenkomo ibiqutywa ngabafazi bodwa ifike ibulawe kwangoko iphekwe yonke idliwe iphele. Bonke abantu abatsha bebengayidli kuba ibiyinqambi kubo ilinyala. Lontombi ibihlazeka kunye nomzi wakowayo. Ibingabhaci enkundleni yona n engentombi kuba kusithwa inamanyala ingabisahamba nezinye kuba izakuzifundisa inkohlakalo, ibichaseka kakhulu ililolo iha ba yodwa. Lento
12 yabangela abantwana belixesha babeneziimilo ezihle behloniphe abantu bonke. Nomfana ebekwa njalo naye zonke intombi bezixelelana ngaye aze. Zingabisavuma ukuthetha naye nayiphina into yolutsha.

## Uzeko lwakudala.

Kwa kungazekwana ngabantwana bakwa Rhadebe ngoko kwakungahlonitshwa kudla. Amasi ayedliwa ngabakwa Rhadebe kuba babenzazekani. Umthinjana ubungakudli konke ukudla kuba ubulungiselela ukuze ungakhathazeki apho uyakwendela khona kuba ubuzila iizinto eezininzi. Ihagu intaka, namasi. Okona
13 kudla kwentombi yayingu mcuku, okukudla kwakuwatyebisa abemakhulu abengonomshudu. Thelekisa elisiko lakudala nalento yenziwayo ngoku ekuthwa yeyempucuko kuba abafana bebengavunyelwa ukuzikhethela undofanaye, bebebonelwa ngabazali babo.

Ebeye athunyelwe ukuyakubona intombi kuphela athethe nayo kungenjalo bekuthetha abazali bodwa bevane ibeyinto epheliileyo leyo.

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

Xa intetho yabakhozi seyivene bekukhutshwa umtu, ekwakuthiwa ngu Mkongi uNozakuzaku ayokuhlanganisa intetho ngokulobola ikhazi elikhona aze avunywe ngo kuhlinzelwa. Bekufuneka ebuye nesikhumba salompahla avunywe ngayo esibubungqina bemvumelwano.

14 Aze ke uSontombi athumeleku Sosoka imini ayakuzisa ngayo intombi yakhe uKuza kubhaca (ukududa) Kusuke uduli lakulontombi uku yakubhaca kulosoka ngoku kuthiwa ngu (mtshato).

Belufika luhlale mgama nomzi lowo luze luphuthunywe ngenkabi yenkomo ebafaka ekaya se'ungokuhlwa ize ngengomso ibeyimini yokutshata. Le ibiyimini enkulu kuba ubebhaca u'akoti lowo enk ndleni enganxibanga nto ngaphandle kwengcubula yoberdle eyenziwe kakuhle emayephuyephu waye phatha umkhonto omfitshane okuthiwa sisikempe w awayebhaca ngaso.

Bekusesikweni ukuba phambi kokuba uMakoti abhace ebe

15 hlolwa ngabafazi bamacala omabini kungekasi kakuhle baze bavumelane ngobuntombi bakhe ukuthi usagcwele akaka thintwa. Uduli olo ke beluhlala iintsuku eezininze lusidla luhlutha lunikwa inyama okonak kudla kwaku phambili ngoko. Umyeni yengeloxesha uMakoti abhacayo nankuya emile phaya nabanye akakho apha.

Wakuba uphelile ke umgedilowo ubcyalwa ngabazali ba macala omabini indlela yokuziphatha komfazi. Isi'alo esasiphambili yayisesi:

"Uyakugcina abazali bakho amaxego namaxegokazi alomzi uyakufinyisa abantwana ukhangele in edama zalomzi uzigcine uziphe ukudla ubathobele bonke abantu abakhulu".

16 Bekungathethwa nto ngendoda yakhe kuba ngesiko ubengumfazi womzi poqo. Umtana wokuqala ube ngoka wakhe uMakoti ubengena lulawulo ngaye. Ngalomxesha indoda yayizitshelela intombi ingena salelo esiphuma kumfazi wayo. Nomfazi lowo wayezidla

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

ngokuthandwa kwayo zintombi. Ubcindoda ibingasondeli kuye de ku hele iminyaka emitana lowo ukuze iye kumfazi wayo. Ibingu mthetho wesintu ongqingqwa ongenakwaphulwa ukusondela kumntu ongumdlezana kuba bekuso nakala izithundu nobulawu bempi.

17 Inani lekhazi lali ngekho elimixiweyo ngenxa yokunqaba kwenkomo kwakuzinbuzi eyona nto yayisetyemziswane nkutyzana eyayinexabiso elikhulu ngenxa yokunqaba kwentsimbi ngalomaxesha. Yayilikhazi elinexabiso ke lomakhuba okulima ezandla. Elinye isiko lalikukuthi xa uMakoti ebhubhe ebeleka kuziswe udade wabo osesekhaya azokuvusa amabele kadade x wabo. Okuku kwangevume yabazali.

Eligama lithi umtshato asilazi apho lavela khona kuba liqalwe ukusetyenziswa ngoku kulo wesilungu. Ngentetho yesi Hlubi ukutshata = kukubhaca.

## Ulwaluko lwamakwenkwe.

18 Amakwenkwe ebesaluswa akuba neminyaka emashumi amabini ubudala nanga phezulu koko. Evа kokoke bekufuneka ezekile wazala abantwana abazakulwa impi eyayingapheli yalomaxesha. Elisiko lika Ntu lalixatyisiwe kakhulu kwaku hamba amadoda kupnela abafazi babengafuneki konke. Amakwenkwe ayegqiba inyanga ezintandathu esendle esidla ehlutha inyama kuba neyenyamakazi ezazi zingelwa yonke imihla. Kwakuyinto esesikweni ukuthi mhla alukayo amakwenkwe kuhlinzwe inkunzi yenkomo kodwa phambi kokuba kwenziwe nayiphina into ibisetyeswa inkunzi leyo k lixhwele

19 elaziwayo lakomkhulu ebiqinisa amakwenkwe angabilula xa kusiliwa nezizwe. Ibikhutshwa umkhono iphila uze ubengwe ugalelwe amayeza nontsizi wosiwe nesikhumba sawo anikwa adlengokukhawuleza. Bekubekho amadoda akhethwayo okugcina losapho eloxesha asakubasendle efundiswa uku aziphatha ngokwabantu abakhulileyo ngoku. Ibisisikolo esikhulu sabafana eso. Kbethi mhla aphumayo ayalwe kakhulu ukugcina imithetho yesizwe, nokuhlonipha iinkosi zabo kwanesizwe jikelele. Ibibangumgidi omkhulu echamba ekhaphana esidla inyama kulomizi yamakwenkwe abuyileyo.

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

20 uKufa kwa makhwenkwe esundle yayisiqabile ngaphandle kwengozi yokwenzakaliswa zizilwanyana ezinkulu.

Unqulo lwamandulo.

Ilanga lelikhangelwe ngendlela ezininzi ngama Hlubi. Umtu omkhulu lo wayehambisa ilanga nguye lo wayesenza izinto ezimbi nezintle. Ke ngoko kwaku nqulwa yena eceugwa kunye nabadala bomzi abanga sekhoyo.

Kusithiwa ngabo abanelungelo lokuthetha nalomtu umkhulu kangaka bahlalanaye bona. Indlela yokunqula yile: - Bekuhlinzwa imbuzi kuze kusilwe utywala buze bubekwe endaweni ecoce kileyo entl kuxonywe iphaphu layo phezu kotywala obo obunikwa izinyanya, abadala. Obutywala bebungaselwa intsuku ezimbini ize ngolwesi-
21 thathu usuku buselwe ngamaxego bungenakuselwa ngabancinane. Eliphaphu nobutywala bezidliwa kancinane ngabaninizo. Bekuthi xa ngaba zamkelekile ezizinto kubonwe ngononkala bengena endlunkulu apho bayokudibana entla emsamo kuba ngawona mawethu ke lawo ebezisa ithamsanga ekhaya Naxa umfazi ebezakuthatha isisu bebengana oononkala ababini babonwe sebeseutla bengazange bengazange babonwe besangena, kauti noba uyokukha amanzi bebephuma emanzini bamngqonge bamzingeleze azi ke yena ukuba uza kumitha njengoko sesichazile ngazo baye babexclelwa ngawo onke amasiko.

22 Lelona siko likhulu eli kwa Rhadebe lenkalaukala kuba bekufuneka zakungena endlini kuhlinzwe imbuzi kusilwe utywala kubongwe izinyanya. Elisiko lisasebenza nanamhlanje kowethu kwa Rhadebe. Bekuthi xa umtu egula engavumi kuphila bekuhlinzwa inkomo yomgquba idini kucamagushwe ngakukutshwe abantu abakhulu bomzi bathethe ebuhlanti bethetha nezinyanya ukuba zicele kulowo uhambisa ilanga uNkulunkulu omyeke umtu lo asuke umtu aphile engasadli mayeza, Ezizinto bezizolelwa kungafuneki

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

bunxila nangxolo hai.' Ca.

Ukungcwaba no'kwa 'Makhosi.

23 Bekuthi xa kufe umtu omkhulu umninimzi bekulilwa kusenziwa isikhalo nesijwili esikhulu ngumzi kuqokelelwane yimilowo izokufihla l wa obhubhileyo. Bekumbiwa isigoda a anokuthi xa ehleli angaveli. Ize kuthat we yonke, impahla yakhe ebeyisebenzisa ayokufihlwa nayo. Aze afanjathiswe imbewu yemveliso yonke kuze kuthiwe: Wosikhonzela kwelozwe elitsha oya kulo usiphe ukudla size singalambi "Uze ube ubuye uzosilanda nathi" Ukungcwatywa kwa Makhosi kwakwa hlukile koku kuba inkosi ibinqanyelelwa ngumtu ophilayo ibingangcwatywa yodwa njengomtu. Ukufa kuka Mashabada kwafunwa umtu ozakuqamela inkosi leyo unyana ka Rhadebe
24 kwavela unyana ka Nomjoli wathi, Nguye ozakuqamela inkosi ukuze kuvele isibongo sakwa xaba kuba baxaba amakhosi uNomjoli ngunyana ka Mashwabada. Ukususela lomini onke amakhosi akwa Rhadebe ayekhatshwa ngumtu wakwa xaba oyinzala ka Nomjoli. Esisibongo sakwa xaba savela ngokuqamela amakhosi asilogama lamtu.

Ulimo lwakudala .

Kwakulinywa ngezandla athi ke amasimi abencinci kanti noko babengalambi ngenxa yeziqamo nemveliso ukubanzi. Ilizwe lalityebile ibanana namadumbe zizimilela ngokwazo. Iinkomo zazityeba kwane zinye ezihambayo kwana kuba zazingeninzi
25 kakhulu ngoko ilizwe liselikhulu. Eyonanto yayihlalise abantu kakubi zumfazwe eezazingapheli kwasa kwahlatywa umkhosi "Zemka magwalandini". Ize xa bechithiwe sesosizwe balambe kuba inkomo zithinjiwe. Baze banyamzeleke nabo ba yokuchitha abanye baze bafumane inkomo. Imizi ibibiyelwa ngamahlahla omqaqoba nomuga ukuthintela izilwane zobusuku zingangeni zidle abantu nempahla. Inkomo ezazafuyiwe zazincinane zinempondo ezinde ezinkulu ezibheke phezulu kuthiwa nga "bambo".

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

imvu eyayikhona engenabo ya kwa nembuzi. Inkukhu yayingekho nehashi. Kwaku linywa ngenkutyazana yentsimbi
26 eyayifunyanwa ematyeni nasemadongeni. Abantu bakudala babenengqondo yokunyibilikisa lamatye anentsimbi bayiqokelele ezimbizeni zodongwe izeke yomele khona kuze kwenziwe izikhali kwa nenkutyazana ezo ezazi nexabiso zithengwa ngenkomo inye.

Inzalo yobukhosi yale

uDlomo uzala uMashiya yena azale uNtsele ozala uBhungane uyise ka Mthimkhulu II ozala uLangalibelele owabanjwa ngabelungu ngo 1873. uNtsele asivanto ngaye ngokuphatha kwanoyise uMashiya. Aba asizi kuthetha ngabo apha. ubukhosi buvele ku Bh ngane kuba
27 wayeselekhona uTshaka ngexesha lalenkosi yoma Hlubi. Umfo wabo waye ngu Mwe ela owabaleka waya e Lusuthu wafika wabayinduna ka Raqwane ongu mkhuluwa ka Mkoteli. Ekuwakala into yoba uRaqwane wafa engena mtana. Yaye inkosikazi yakhe yayifanelwe ukungenwa ngumninanwe wakhe uMkoteli. Yala yona inkosikazi leyo kanti kukuba yayiseyithandana no Mwelela lowo owazala u Pete uyise ka Mkatshane ozala uMoshesh inkosi yodum eLusuthu. (Eli balana lona lifunyanwa kubali laba suthu) Ke uBhungane wevana noTshaka ngangoba wathi uTshaka kuye: Wena vimba ngalapho entshonglanga kungangeni lutho asitsho wonke um laba osuka emGungudlovu
28 ophantsi kolundi uKuza kumange Ingogo. Asekho ama Hlubi apho uKuya eNewcastle kwaKabane. Inxiwa lika Bhungane elinye nalo eBlaauwbosh pesheya kwe Ngagane. Ama Hlubi ahlala kakuhle ngexesha lika Bhungane kuba akazange alwe noTshaka.

Lenkosi yayithanda kakhulu imfuyo ngangokude yenze umthetho esiziweni sayo ukuthi: Amahlubi makangazizeki intombi zezinye izizwe ngenxa yoba zizakumka ekhaya ziye kude. Kyona nto yamenza athethe kanje wayenenkomo ezintle ezazi nkone zimhlophe zaza zabizwa ebukweni bonyana eSwazini ongu Mthimkhulu II

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

29 Aqala ngoko ke amaRhadebe ukuzekana kuba yena Bhungane wayakuzekela unyana wakhe wase Mbuthweni uDuba uMjomose intombi ka Ngobizembe eyeza nomngqungu lenzala yakwa Mavundla nabo ngoku kwa Nyaniso eMatatiele kuba azange babesabuyela kwa Ngobizembe.

Ikomkhulu lakwabo Mthimkhulu lalise Ntabamhlophe ePangweni kwesase Estcourt uBhungane lo wayebukwali kuba wayengafuni kupendulwa yiyo lento uMwelela wa baleka waya eLusuthu. Wabulala uMafu kwabokabo akwakhulunywa owayengunyana ka Ngobizembe. Wathumela ku Mavimbela ku Jabanga kaMpila embi zela komkhulu waza
30 wamhlasela ngomkhonto balwa kakhulu uBhungane wa yenezindlu ezintathu ngokomthetho wobukhosi bethu

(a) enkulu ePhangweni Mthimkhi
(b) Kunene eEzilanjeni Mpangazith
(c) Mbhutho = Qili Duba

(a) uMthimkhulu uzala uDlomo noLangalibalele - uDlomo wabulawa ngu Dingana kwa Zulu waza kwaphatha uLangalibalele. Lendlu isese Ntabamhlophe eMtshezi kwesase Natala isaphethe abobukhosi bayo. Inkosi ephethe ngu Tatazela ka Siyephu ka Langalibalele.

(b) uMpangazitha wasekunene indzala yakwe ngoku ise Hershel kwesika Mehlomakhulu nakwa zibi Sidinana eMt Fletcher C.P.

(c) uDuba isoka nqangi ekuthiwa yi mbhutho unyana wakhe ngu Mathandela nanko umzukulwana wakhe uNyaniso kwa Qili eMatatiele.
31 Inkosi ephetheyo apho ngoku ngu Stanford.

uMthimkhulu wazeka abafazi abaninzi waza wazala abantwana abaninzi nonyana abaninzi ngawo lama x Hlubi azalise ilizwe eKoloni Amathole Bason eXesi eNgqushwa naku Khayakhulu Rustenburg uLudidi lo oku Qumbu nase Matatiele ngu nyana wakhe no Luphindo abo base Matatiele nase Umzinto eNatala.

Inkomo zenqwaqwa zaphuma uMthimkhulu selenabafazi abathandathu,

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

K11/31

nanga amagama ezindlu zabo:-

(1) Unina ka Marhele

(2) Unina ka Mzendzi

(3) Unina ka Mananga

(4) Unina ka Gilikidi

(5) Unina Ka Phakathwayo

(6) Unina ka Luzipho Kwaza ke Kwazekwa inkosikazi zaphuma
32 inkomo zenqwaqwa okokukuthi zesizwe zazeka unina ka Dlomo noLangalibalele uKuzalwa kuka Luzipho kwaveza ingxabano phakathi ko Bhungane non ana wakhe u thimkhulu kuba kuthiwa wathi akubikelwa ngokuzalwa kwakhe wathi: "Lwavela uzipho lokudweba am Hlubi". Waza wathi unyana kuye "Bawo uyandibekelana xa utsho njalo" wena wawubeelwe ngubanina? Abazange babesavana kwangoko ngalonto ekwada ekugqibeleni uMthimkhulu wahambela uyise lowo kumzi wakhe owa wuse Blaawbosch eNewcastle nabantu bakhe ekubeni uyise mncinci uManyaza ethe kuye makamgqabele uyise lowo x wathi
33 ke uMthimkhulu esaya kuyise wathi uBhungane ku maphakathi akhe: "Lolwantonina oluyathuli oluthunyayo? Zazingaboni thuli zona induna ezo. Wabuza amaxesha amaninzi ngo lothuli lwada lwavela lwabonwa:

Kwakhawuleza kwaza kufika inja ka Mthimkhulu yafika yabungezela inkosi. Nanga amazwi athethwa ngu Bhungane kwabo wayenabo: "Mahlubi nakugqiba umhlaba intloko zenu ziyakuzalela iintulo kuwo onke amathafa".

Wagula kwangobobusuku wabhubha ngosuku olulandelayo kulapho uMpangazitha walwa khona nomkhuthuwe wakhe kuba wathi nguye obulele uyise. Kwaliwa ke kwakulo ndawo wayiswa ke umnina
34 we ngu Mthimkhulu kuba wayeli khalipha elikhulu Kunye nabantu abo bakhe awayeze nabo. Aza ama Hlubi achitheka kwangoko njengomlomo ka Bhungane. UMthimkhulu wafa esemncinci uDlomo waza wabanjelwa ngu yise mncinci uMpangazitha.

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

Ki1/31

127

Utheke ke akuba ngumfanyana athi amaHlubi makathathe ubukhosi bakhe waza wala u,ise mncinci esit'i usemncinci akanakulunga ukuphatha. Waza uDlomo waya kwazulu ukuyakubikela uDingana ngokwala kuka yise mncinci nobukhosi bakhe.

Wathi uDingana kuye:

"Hamba umbuyaye uzo ngitshelama umbuyeye". Wahamba ke uDlomo wafika waqokelela impi yakhe wambulala ke uyise mncinci
35 waza wabuyela kwaZulu ukuya kwazisa inkosi leyo akwenzileyo. Wathi, "Nkosi ndimbulele" Wathi uDingana "Umbuyeye uyihlo"? Nami uzo ng ubuyaya". Wayalela induna zakhe uba zimbulale uDlomo akazange abuye wafela apho kwaZulu.

Kwaza kwa phatha uLangalibalele owabanjwa ngo 1873 ngabelungu. Elabango laqa leka ku Bhungane nonyana wakhe ngo Luzipho alizanga laphela wachitheka uLuzipho ngenxa yalo ukuze aye eLusuthu engenabantu enemizana embalwa, wabuya wehla waya kulendawo akuyo eMatatiele wafike a kuLudidi owamsa kwa Makhawula inkosi yama Bhaca eyokumbika kuyo. Nanamhlanje usabanga uthi wabekwa ngu
36 Bhungane kwaye ngomthetho wamaHlubi inkosi ayibeki Kubeka isizwe ngokukhupha inkomo zenqwaqwa zizeke inkosikazi ezakuzala inkosi Ngokwesiko ibango elinjalo alamkelwa ngamabandla amaHlubi. Ukangelwa nje ngomtu ongenantloko obanga ubukhosi unina engalotyolwanga ngenkomo "zenqwaqwa".

Elibango lilo elibangela uku ngasebenzi kakuhle ngo Rhulumente namahlubi ase Matatiele. Kudala esithi makuziswe ofanele ubukhosi bama Hlubi ngenxa yelibango akaveli selilizothe kubantu abanolwazi ngemvelapi yama Hlubi. Ncincilili!

END. S. 57.

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.